



Growing literacy

What do you use reading and writing for? Do you use it mostly at work, to study or perhaps to organise and run your home-life? You might even be lucky enough to find some time to relax and read too.

Literacy is a right that should be enjoyed by all of us, but there are still 780 million adults in the world – many of whom are in Africa - who haven't learnt to read or write. International Literacy Day is celebrated each year on 8 September and reminds us that literacy should not just be a privilege enjoyed by some people. At Nalibali, our commitment to literacy involves helping children and teenagers experience reading and writing in joyful and satisfying ways in their lives. On 8 September 2012, we will spend some time doing what we do most often on Saturdays: volunteering at reading clubs, reading to and with our children at home... and finding some time to read for enjoyment ourselves! What will you be doing? Here are some ideas of how you could be part of International Literacy Day:

- Spend more time reading with your children than usual. Let them choose a number of their favourite stories and read them together! Or read chapters of a novel together, if your children are older.
- Tell your children about the stories and books you loved when you were a child. Talk about their favourite books too and then write and tell us what they are – include a photo of yourselves if possible! Send your letters to: letters@nalibali.org
- Think and talk with your children about the things you couldn't do if there was no reading or writing in your lives. Make a list and send it to us at letters@nalibali.org
- Visit a bookshop or library together and spend time browsing through the books there.
- Get together with friends and their children and spend time reading to each other – adults to children, children to children, and adults to adults – and talking about books and stories.
- Read a story to someone you don't usually read to! Try reading stories at an old-age home or in a children's home.
- Go through your children's bookshelf at home and let them each choose one book to donate to a reading club you know of or a school library or an organisation that donates books to children. Visit www.nalibali.org to find a reading club near you where you could drop off your book donation.
- Register with the Nalibali network to show your support for using the power of stories to inspire children to want to read and write. Go to www.nalibali.org



Ukukhulisa ilitheresi

Ukusebenzisa entwenini ukufunda nokubhala? Ingaba ukusebenzisa ikakhulu emsebenzini, ukusebenzisela izifundo okanye mhlawumbi ukusebenzisela ukuhlengahlengisa nokwenza imisebenzi yekhaya? Kusenokuthi ukanti lithamsanqa kuwe kwa ukufumana ixesha lokuphumla nelokufunda na kanene.

Ilitheresi lilungelo ekufanele lixhanyulwe nguwonke-wonke, kodwa kusekho abantu abadala ababalelwa kwizigidi ezingama-780 ehlabathini – noninzi lwabo oluse-Afrika – abangekakwazi ukufunda okanye ukubhala. Usuku lweLitheresi lweHlabathi jikelele luyabhiyozelwa nyaka ngamnye ngomhla wesi-8 kweyoMsintsi kwaye lusikhumbuzisa ukuba ilitheresi akufanelanga ibe yinyhweba ethi ixhanyulwe ngabantu abathile.

Apha kwiNalibali, ukuzinikezela kwethu kwilitheresi kuquka ukunceda abantwana kwanabo bafikisayo ukuba babe nethuba lokufunda nokubhala ngeendlela ezonwabisa nezonzelisayo ebomini babo. Ngomhla wesi-8

kweyoMsintsi ka-2012, siza kuchitha ixesha sisenza eyona nto siyenza rhoqo ngeMigqibelo: ukunikela ngexesha lethu kumaqela afundayo, sifundela kwaye sifunda nabantwana bethu emakhayeni ethu...size sifumane nethuba lokuba nathi sifundele ukuzonwabisa thina kuqala! Wena, uza kube usenza ntoni? Nazi iingcebiso ngeendlela onokuthi ube yinxayenye ngazo kolu Suku lweLitheresi lweHlabathi:

- Chitha ixesha elingakumbi kunesiqhelo ufunda nabantwana bakho. Bayeke bazikhethele iqela lamabali abawathandayo nize nifunde kunye. Okanye, nifunde kunye izahluko zenoveli, ukuba abantwana bakho sele bebadalana.
- Balisela abantwana bakho amabali neencwadi owawuzithanda usakhula. Thetha nabo malunga neencwadi abazithandayo nize nibhale nisichazele ngazo ukuba zeziphi – nifake nefoto yenu ukuba kuyenzeka! Thumelani iileta zenu ku-: letters@nalibali.org
- Cinga uze uthethe nabantwana bakho ngezinto obungekhe ukwazi ukuzenza ukuba beningenayo into ekuthiwa kukufunda nokubhala ebomini benu. Yenza uluhlu uze uluthumele kuthi ku- letters@nalibali.org
- Yiya nabo kwithala leencwadi nichithe ixesha niphengulula iincwadi.
- Dibana nabahlobo bakho kunye nabantwana babo nize nichithe ixesha nifunda kunye – abantu abadala befundela abantwana, abantwana befundela abanye abantwana, nabantu abadala befundela abanye abantu abadala – kwaye nithetha ngeencwadi namabali.
- Funda ibali ufundela umntu ongaqhelanga kumfundela! Zama ukufunda amabali kwikhaya eligcina abantu aboluphelelyo okanye kwikhaya eligcina abantwana.
- Khawukhangele kwishelufu yeencwadi zabantwana bakho uze ucele emnye kubo akhethe incwadi aza kuphisa ngayo kwinqela elifundayo olaziyo okanye kwithala leencwadi lesikolo okanye kumbutho ophisa ngeencwadi ebantwaneni. Yiya ku-www.nalibali.org ukuze ufumanise ngeqela elifundayo elikufuphi nendawo ohlala kuyo onokusa kulo iincwadi ezo uphisa ngazo.
- Bhalisa kuthungelwano lweNalibali ngelibonisa inkxaso yokusebenzisa ubunganga bamabali ukuze kukhuthazwe abantwana bafune ukufunda nokubhala. Yiya ku-www.nalibali.org



Dreaming big for our children
Sinamaphupha amakhulu ngabantwana bethu



Story stars



Giving children a head start

One of NaI'ibali's partners, The Family Literacy Project (FLP), works in the rural areas of KwaZulu-Natal to help parents and carers develop the literacy and language skills of their young children, while they improve their own literacy skills at the same time. We chatted to FLP Director, Lynn Stefano, about reading clubs and giving children the best start in life by developing literacy skills from an early age.

Why is reading for enjoyment important for literacy in South Africa?

Most of the reading children are encouraged to do is related to schoolwork and achieving results in examinations. Reading for pleasure allows people to unwind, relax and enjoy themselves, in other words it is a pleasurable leisure activity. At the same time as one reads for pleasure, one develops one's literacy skills. In this way the cycle of reading and learning and improving is continually fuelled.

Why are reading clubs a good idea?

There are many reasons: mainly because the children are encouraged to be readers and are guided. Also, the clubs give children access to books and others who have similar interests and intentions.

What reading club are you involved with as part of the NaI'ibali initiative?

In April 2012, we started the United Reading Club for teenagers at one of our literacy sites at Mkhobeni, KZN. About 16 children attend the club every Sunday afternoon and it is run by Tholakele Mkhize, who is a literacy facilitator with FLP. Two volunteers from the local village assist her.

What has been the reading club's greatest achievement so far?

The club is very new, but one of the successes we already see is that teenagers are very motivated to meet and read together.

What has been the biggest challenge?

There are a number of challenges – finding volunteers in the village who have sufficient literacy skills to guide younger readers is one. Another is the lack of appropriate reading materials for teens in Zulu.

What are you most proud of?

That we are providing a creative environment for young people with very few opportunities and resources.



United Reading Club

Iimbalasane zamabali

Ukukrobisa abantwana ekufundeni

Omnye umbutho oliqabane likaNaI'ibali, iThe Family Literacy Project (FLP), usebenza kumaphandle aKwaZulu-Natal ukunceda abazali kunye nabanakekeli babantwana ukuba baphuhlise izakhono zelizitheresi nezolwimi lwabantwana babo abancinane, ngeli lixa bephucula nezabo izakhono kwangaxeshanye. Siye sancokola noMlawuli oyintloko weFLP, uLynn Stefano, malunga namaqela afundayo kunye nokunika abantwana esona siseko singundoqo ebomini ngokuthi baphuhlise izakhono zabo zelizitheresi beselula kakhulu.

Kutheni ukufundela ukuzonwabisa kubalulekile kwilizitheresi eMzantsi Afrika?

Uninzi lomsebenzi wokufunda ekukhuthazwa ukuba abantwana bawenze uphathelile kumsebenzi wabo wesikolo nasekubeni baphumelele kwiimviwo zabo. Ukufundela ukuzonwabisa kubenza abantu bakwazi ukuziva bekhululekile, bazonwabise, ngamanye amazwi lo ngumsetyenzana oyolisayo. Ngaxeshanye, njengokuba ubani efundela ukuzonwabisa, uthi aphuhlise izakhono zakhe zelizitheresi. Ngale ndlela umjikelo wokufunda nokubhala nowokuphucula uyaqhubeka ukhuthazeka.

Kutheni amaqela afundayo engumbono omhle nje?

Zininzi izizathu: esokuqala sesokuba abantwana bayakhuthazwa ukuba babe ngabantu abafundayo kwaye bayakhokelwa. Kwakhona, amaqela athi abenze bakwazi ukufikelela ezincwadini kwanasekudibaneni nabanye abanomdla kwaneenjongo ezifanayo nezabo.

Ngawaphi amaqela afundayo ozibandakanye nawo njengexalenye yephulo leNaI'ibali?

KwekaTshazimpunzi ka-2012, siye saqala i-United Reading Club yabantwana abafikisayo kwesinye seziza zethu zelizitheresi eMkhondweni, eKZN. Bamalunga ne-16 abantwana abathi beze kweli qela qho emva kwemini ngeCawe kwaye likhokelwa nguTholakele Mkhize, ongumququzeleli welizitheresi kwiFLP. Mabini amavolontiya amncedisayo asuka kwapha ekuhlaleni.

Yintoni eyona esele iphuyelelwe leli qela lokufunda ukuza kuthi ga ngoku?

Eli qela liselitsha kakhulu, kodwa sele liphumelele ekwenzeni abantwana abafikisayo bazive bekhuthazekile kakhulu.

Ibe yeyiphi eyona mingeni mikhulu?

Iliqela imingeni – omnye wayo ibe kukufumana amavolontiya apha ekuhlaleni anezakhono zelizitheresi ukuze akwazi ukukhokela abafundayo abaselula. Omnye kukunqongaphala kwezixhobo ezifanelekileyo zokufunda zesiZulu ezabo bafikisayo.

Yintoni eyona uyingcayo kakhulu ngayo?

Yinto yokuba sibonelela ngemeko enobugcisa kubantu abaselula abanamathuba amfiliba kwanezixhobo ezinqongopheleyo.

Stop!

If you aren't going to use this supplement, please give it to someone who will! Deliver it to a school, community centre, library or someone you know.



Yima!

Ukuba awusayi kulusebenzisa olu shicilelo, nceda ulunike omnye umntu oya kulusebenzisa! Lise esikolweni, kwiziko loluntu, elayibhrari okanye kumntu omaziyo.

To nominate an individual, organisation or even yourself as a Story Star, visit www.nalibali.org and complete our online nomination form or email your nomination to letters@nalibali.org

Ukuba ufuna ukonyula umntu, umbutho okanye ukuzonyula wena ukuba ube yiMbalasane yeBali, yiya ku-www.nalibali.org uze ugcwalise ifomu yethu yokonyula eyenziwa kwikhompyutha okanye uthumele i-imeyile yokonyula kwakho ku-letters@nalibali.org

Create your own mini-book Zenzele eyakho incwadana encinane

1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
1. Thabatha amaphepha ama-3 ukuya kwisi-6 kweli hlelo.
2. Fold it in half along the black dotted line.
2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
3. Fold it in half again.
3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
4. Cut along the red dotted lines.
4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



Get story active!

After you and your children have read *Mama Mabena's magic*, try out some of these ideas.

If you have 10 minutes...

- Look at the patterns that Mama Mabena paints as well as the pictures that the children painted (pages 14 and 15). Ask your children what colours, shapes and other things they can see.
- Look at the animals in some of the pictures and ask your children to suggest what they are doing and thinking.

If you have 30 minutes...

- If you have some powder or watercolour paint, give your children some styrofoam or plastic trays and let them have fun mixing red, yellow and blue paint together in different ways to create new colours.

If you have one hour...

- Fill large plastic containers with water and collect some thick paintbrushes – the kind used to paint a house. Take your children outside and let them paint pictures on pathways and the side of your house using the water.
- Encourage your child to write a story about their own magic! Begin by discussing the things that they are good at and love doing. Let younger children draw pictures to create their stories and then write the words they tell you to. Allow older children to try writing on their own – emphasise composing a fabulous story, rather than correct handwriting and spelling!

Colour your *Nal'ibali* bookmark and then cut it out and paste it together.

Isalathisi sakho sencwadi sika*Nal'ibali* sinike imibala uze emva koko usike kakuhle kwaye usincamathelise.



Yenza ibali linike umdla!

Zama enye yezi ngebiso emva kokuba wena nabantwana bakho niyifundile incwadi ethi *Umlingo kaMama Mabena*.

Ukuba unemizuzu eli-10...

- Jonga kwiiphatheni ezipeyintwa nguMama Mabena kunye nemifanekiso epeyintwe ngabantwana (iphepha le-14 nele-15). Babuze abantwana bakho ukuba babona eyiphi imibala, eziphi izakhelo kunye nezinye izinto abanakho ukuzibona.
- Jonga kwizilwanyana ezikweminye imifanekiso wandule ukucela abantwana bakho ukuba bachaze oko zikwenzayo.

Ukuba unemizuzu engama-30...

- Ukuba unawo umgubo okanye ipeyinti enemibala engamanzi, unganika abantwana bakho igwebu elithile kunye nezithebe zeplastikhi uze ubayeke bonwabele ukuxuba ngeendlela ezahlukileyo iipeyinti ezibomvu, eziluhlaza nezizuba ngeenjongo zokuyila imibala emitsha.

Ukuba uneyure enye...

- Gcwalisa izigqubuthelo ezikhulu zeplastikhi ngamanzi uze uqokelele iibrashi zepeyinti ezingqindilili – ezi zifana twatse nezo zokupeyinta izindlu. Abantwana bakhuphe endlwini ubacele ukuba bapeyinte imifanekiso yeendledana necala lendlu yakho besebenzisa amanzi.
- Mkhuthaze umntwana wakho ukuba abhale ibali ngomlingo ongowakhe! Qala ngokuxoxa ngezinto agqwesa kuzo kwanezo athandayo ukuzenza. Bavumele abantwana abancinci ukuba bazobe imifanekiso kuyilo lwamabali abo, uze ubhale phantsi la magama bakucela ukuba uwabhale. Zama ukuba aba badala abantwana babhale ngokunokwabo – gxininisa ekubeni bayile ibali eligqwesileyo, endaweni yokulungisa indlela ababhala ngayo nabapela ngayo.

Paste each side of your bookmark on a piece of cardboard (like from a cereal box) to make it last longer!

Icala ngalinye lesalathiso sencwadi malincanyatheliswe kwikhadibhodi encinci (njengebhokisi yesiriyeli) ukuze uyenze ibe ndana!



Neo

Story corner

Here is a story about making friends for you to read aloud or tell.

The colour of love by Ntombizanele Nkence

Leon, the young lion king, had nobody to play with. Everyone thought he was different because he was king. As he watched Harry, the hyena, and Lippy, the leopard, playing in the stream, he thought: 'They seem to be having fun. I wish I could play with them.'

But then he looked at his beautiful coat and remembered that if he went into the water, it would be ruined. But what good is a beautiful coat if you don't have friends? So, Leon headed over to the stream – and jumped into the water!

'We don't want to play with you!' growled Harry, as he climbed out of the water, waving his paw for his friend, Lippy, to follow him.

'I'm so lonely. Do you want to be my friend?' Leon asked Lippy.

Lippy blushed. He felt so pleased. 'Yes,' he said.

Smiling, Lippy threw a handful of mud at Leon. Leon looked down at his dirty coat and smiled too. But the new friends didn't see the jealous Harry watching them from behind the bushes.

Later, Leon and Lippy went fishing and they asked Harry to join them.

'NO! I'd rather fish on my own!' said Harry as he headed off for a fishing spot down at the waterfall.

It wasn't long before Leon and Lippy heard a scream coming from the other side of the river. They rushed to where the scream had come from. When they got there, they were terrified by what they saw... Harry was hanging onto a rock and the water was thundering below him!

Quickly, Leon threw his fishing line to Harry and told him to hang onto it. He didn't notice that as he tried to pull Harry to safety, his crown fell off.

Lippy hung on to Leon's tail and Leon pulled on the fishing line. Eventually, Harry's head appeared over the edge of the rocks... then his arms and legs. And guess what was hanging on Harry's foot? Leon's precious crown!



Adapted from: *The Colour of Love/Umbala Wothando*.
Published by New Africa Books. © 2003.

In your next Nal'ibali supplement:

- Reading with 6-9 year olds
- Find out about the famous children's author, Roald Dahl
- Mini-book, *Lizo's song*
- A read-aloud story, *Haruki's tail*

Can't wait until next week for more reading and story tips, tools and inspirational ideas? Visit www.nalibali.org or find us on Facebook www.facebook.com/nalibaliSA



Indawo yamabali

Nali ibali elingokufumana abahlobo ukuze ulifundele phezulu okanye ulibalise.

Umbala wothando nguNtombizanele Nkence

ULeon, ikumkani yengonyama esencinci, wayengenamntu wakudlala. Wonke umntu wayecinga ukuba wohlukile kuba eyikumkani. Uthe xa ebukele uHarry, ingcuka, kunye noLippy, ingwe bedlala emgxobhozweni, wacinga: Bakhangeleka bonwabile. "Ndingavuya xa ndinokudlala nabo."

Kodwa uthe akujonga kufele lwakhe oluhle, wakhumbula ukuba xa enokungena ngalo emanzini, lungonakala. Kodwa ke inceda entwenini into yokuba nofele oluhle xa ungenabo abahlobo? Kwangoko, uLeon uhambile waya emgxobhozweni – wangena dyumpu emanzini!



Illustrations by Brendon Ruiters
Imifanekiso ngu-Brendon Ruiters

'Asifuni kudlala nawe thina?' wavungama uHarry, ingcuka, sele ephuma emanzini, ekhweba umhlobo wakhe uLippy ukuba amlandele.

'Ndililolo. Ingaba akufuni ukuba ngumhlobo wam?' ULeon ubuze uLippy.

ULippy umangalisiwe yile nto. Uzive enovuyo olukhulu. 'Ewe,' utshilo.

Ngoncumo olukhulu, uLippy wamgibisela ngesiqhuma sodaka uLeon. ULeon wajonga kufele lwakhe olungcolileyo wasuka wancuma naye. Kodwa aba bahlobo batsha abambonanga ukuba uHarry osele enomona ukuba ubabukele ngaphaya kwetyholo.

Ngelingeni, uLeon noLippy bahambile baya kuloba iintlanzi baze bamcela uHarry ukuba ahambe kunye nabo.

'HAYI! Kungcono ndiye kuloba ndendwa!' Utshilo uHarry esiya kwindawo aloba kuyo kumazantsi engxangxasi.

Kungekudala uLeon noLippy beve isikhalo sidanduluka ngakwelinye icala lomlambo. Bakhawulezile kwangoko besiya ngakweli cala siphuma kulo eso sikhalo. Bathe bakufika apho, boyikiswa kakhulu koko bakubone apho... uHarry wayejinga eliweni abe amanzi egquma apha phantsi kwakhe!

Ngokukhawuleza, uLeon uphosele uHarry umnatha wakhe wokuloba emyalela ukuba makabambelele kuwo. Esenza oku nje akaqaphelanga ukuba ngeli xesha azama ukuhlangula uHarry, isithsaba sakhe siwile.

ULippy uye watshela kumsila kaLeon waze uLeon watsala umnatha wokuloba. Ekugqibeleni, iye yavela phakathi kwencam yamawa...kwalandela iingalo nemilenze. Ungazicingela ke nawe ukuba yintoni eyayijinga elunyaweni lukaHarry? Isithsaba esihle sikaLeon!

Kwihlelo elilandelayo leNal'ibali:

- Ukufunda nabantwana abanemin-yaka emi-6-9
- Funda banzi ngombhali obalaseleyo weencwadi zabantwana, uRoald Dahl
- Incwadana, *Ingoma kalizo*
- Ibali elifundelwa phezulu, *Umsila kaHaruki*

Ingathi ayisafiki iveki elandelayo ndifumane ezinye iingcebiso, izixhobo neembono ezikhuthazayo ngokufunda nezamabali,? Ndwendwela kule webhusayithi-www.nalibali.org sifumane nakuFacebook www.facebook.com/nalibaliSA



Mama Mabena's magic is one of 36 stories available in the Little Library Kits for Numeracy, Literacy and Life Skills. Each kit contains 60 readers (5 copies of 12 stories), 12 big books, 12 posters and a comprehensive teacher's guide. All the readers and the big books are available in all 11 official languages. For more information please visit our website www.cup.co.za.

Cambridge University Press
P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002
Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418
Email info@cup.co.za




CAMBRIDGE
UNIVERSITY PRESS
www.cup.co.za

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment initiative to get people in South Africa – children and adults – passionate about telling and reading stories. For more information, visit www.nalibali.org



INal'ibali liphulo lelizwe lokufundela ulonwabo lokwenza abantu eMzantsi Afrika – abantwana nabantu abadala – bakuthakazelele ukubalisa nokufunda amabali. Ukuze ufumane inkcazelo ebanzi, ndwendwela ku www.nalibali.org

CAMBRIDGE



Mama Mabena's magic Umlingo kamama Mabena

Dianne Hofmeyr • Karen Ahlschläger



Mama Mabena was very old and she had magic in her hands. She painted beautiful patterns on the walls.

UMama Mabena wayegugile kakhulu kwaye wayesenza imilingo ngezandla zakhe. Wayepeyinta iiphatheni ezintle emadongeni.

Mtazi and Ndelete watched her paint. 'Can we help you, Mama? We want to paint too,' said Mtazi. Mama Mabena smiled.

UMtazi noNdelete babembukela xa epeyinta. 'Singakunceda, Mama? Nathi sifuna ukupeyinta,' watsho uMtazi. UMama Mabena wancuma.



'Here are three pots of paint,' said Mama Mabena. She put red paint, yellow paint and blue paint in front of the girls.

'Nazi iingqayi ezintathu zepeyinti,' watsho uMama Mabena. Wabeka ipeyinti ebomvu, ipeyinti etyheli nepeyinti ebhlowu phambi kwala mantombazanyana.

Mama Mabena also gave the children three empty paint pots. "See if you can find the magic," she said.

UMama Mabena waphinda wanika abantwana iingqayi zepeyinti ezintathu ezingenanto. 'Khanenze ke nibone ukuba ningawufumana kusini na umlingo,' utshilo.



Ndelete poured a lot of yellow paint into the first empty pot. Mtazi poured in a little of the blue paint. Then they stirred the colours together.

'Let's take yellow; let's take blue
Mix them up; make something new.'


Then the magic started to happen.
'Look! We've made green!' shouted Ndelete.
Mama Mabena smiled.



UNdelete uye wagalela ipeyinti etyheli eninzi kwingqayi engenanto. UMtazi wagalela intwana yepeyinti ebhlowu. Baze bazamisa bedibanisa le mibala.

'Masithathe etyheli; masithathe ebhlowu
Masiyixube; senze umbala omtsha.'

Tyhini! Nanku usenzeka umlingo.
'Khawujonge! Senze umbala oluhlaza!
ukhwaze watsho uNdelete.
Wancuma uMama Mabena.



Ndelete poured a lot of red paint into the next empty pot. Mtazi poured in a little of the blue paint. They stirred the colours together again.

'Let's take red; let's take blue
Mix them up; make something new.'

The magic happened again. This time the new colour was purple. The girls were having fun!

UNdelete ugalele ipeyinti ebomvu eninzi kwenye ingqayi yepeyinti engenanto. UMtazi waze wagalela intwana yepeyinti ebhlowu. Baze bazamisa bedibanisa imibala.

'Masithathe umbala obomvu;
masithathe obhlowu
Masiyixube, senze umbala omtsha.'

Umlingo wenzekile kwakhona. Kweli ityeli umbala omtsha ube ngumbala omfusa. Ayzonwabisile kakhulu la mantombazanyana!



Then Ndelete poured a lot of yellow paint into the last empty pot. Mtazi poured in a little red paint.

'Let's take yellow; let's take red
Mix them up; make orange instead.'

'We've found the magic! We've found the magic!' sang the girls. They danced around the pots.

Emva koko uNdelete uye wagalela ipeyinti etyheli eninzi kwingqayi yepeyinti yokugqibela engenanto. UMtazi yena wagalela intwana yepeyinti ebomvu.

'Masithathe umbala otyheli; masithathe obhlowu
Masiyixube, senze umbala omtsha.'

'Siwufumene umlingo! Siwufumene umlingo!
acula atsho amantombazanyana. Adanisa ejikeleza ezo ngqayi.



OOPS! The pots went flying. The paint splashed onto Mama Mabena's beautiful wall.

YHOO! Nazo zibhabha iingqayi.
Yachithakalela kudonga oluhle lukaMama Mabena loo peyinti.

'Quick, fix it up!' said Mtazi. The girls tried to wipe the paint off the wall. 'We've spoilt the shapes and patterns,' said Ndelete. 'Mama Mabena will be cross with us.'

'Khawuleza, yilungise!' watsho uMtazi. Azamile loo mantombazanyana ukuyosula loo peyinti eludongeni. 'Sizimoshile iimilo neephatheni,' watsho uNdelete. 'UMama Mabena uza kuba nomsindo kakhulu.'



But Mama Mabena looked at the wall and smiled.
'That's wonderful!' she said. 'Can you see the pictures you have made? There's a butterfly and a lion.'

Kodwa uMama Mabena wakhangele eludongeni, wancuma.
'Kwaze kwakuhle kakhulu!' watsho. 'Ingaba niyayibona imifanekiso eniyenzileyo? Kukho ibhabhathane nengonyama.'



The girls looked at the colours on the wall.
'I can see a crocodile!' said Mtazi.
'I can see a flower and a bird!' said Ndelete.
Mama Mabena laughed and said, 'And I can see you have found the magic in your hands!'

Amantombazana ajonga imibala eseludongeni.
'Ndibona ukrebe!' watsho uMtazi.
'Ndibona intyatyambo nentaka!' watsho uNdelete.
UMama Mabena wahleka waze wathi,
'Ndiyabona ukuba niwufumene umlingo ezandleni zenu!'